Isalathiso: 20211013-6708
Inombolo yeFayili: 12/2/8/2
Imibuzo: J Klaaste-Salmans
P Smit

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: 0004/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, nakwiiNqununu

Isihloko: Izintlu zokugqibela zeencwadi ezimiselwe ukufundwa nezicetyiswayo zeZifundo zoNcwadi zamaBakala 7-9 ngo-2022

1. NgokweNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assesssment Policy (CAPS)* weeLwimi kwiSigaba esiPhezulu (amaBakala 7- 9), abafundi mabafunde "iitheksti zoncwadi" ezimiselweyo *("formal study of literary texts")*, ezibandakanya amabali amafutshane, iinoveli, isihobe nedrama.

2. Apha kuqhotyoshelwe izintlu zokugqibela zeencwadi ezicetyiswayo zeZifundo zoNcwadi zamaBakala 7-9 zango-2022.

3. Kucetyiswa izikolo ukuba zifunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0005/2013 yomhla we-23 Apreli 2013 xa zenza izicwangciso zokusebenzisa izintlu zokugqibela zeencwadi zoncwadi zango-2022 eziqhotyoshelweyo ukwenzela ukuthenga iincwadi zoncwadi.

4. Maziqaphele izikolo ukuba injongo yezi zintlu kukunceda ootitshala beelwimi bamaBakala 7-9 ekukhetheni iitheksti zoncwadi. Iitheksti zokufunda ezininzi zibandakanya imibuzo, imisebenzi yokusebenzisa ulwazi abalufumeneyo (*applications*) namanqaku aziingongoma eziphambili (*notes*) ukunika inkxaso abafundi. Kukho inkxaso efumanekayo emalunga nezinye izihloko kwezi ku-intanethi apha: http://education.slims.gov.za/desktop/desktopewc .

5. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathela ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-10-26